

# IZIFUNDO NEMIBUZO KUNOMBEKO

## *Izifundo*

---

1. Xa uthe wadlwengulwa, thetha nomnye umntu ukufumana inkxaso ngokukhawuleza.
2. Qonda ukuba ayinye wonke ubani ozakuvelana nawe – abanye abantu bayawukwenza ucinge ukuba ube yinxalanye kwishehlo eso.
3. Emva kodlwengulo, ndwendwela kwiklinikhi ekufuphi ukufumana uncedo olukhawulezayo olunqanda ukunwenwa nokusulelwa yintsholongwane kagawulayo kungaphelanga iiyure izingama-72.
4. Xa uziva womelele, cela ugqirha akuvavanye xa ngaba udlwenguliwe okanye uhlukunyezwe ngokwesondo.
5. Hamba nomntu omthembileyo akukhapha ukuya emapoliseni.
6. Bukho ubomi emva kodlwengulo nasemva kokuzazi ukuba uphila nentsholongwane – thatha isigqibo: uzakulila naphakade okanye uzakubuyisela isidima nobomi bakho kuwe.
7. Ukubalisa ngebali lakho njengexhoba kunganceda abanye abantu ukuphila ebunzimeni nasekubeni ube ngumzekelo omhle eluntwini ekuphileni ngokuzithemba.

8. Ukukholelwa kuwe, uzamkele nokuzibeka kuqala ebomini zezona zixhobo zikhokelela ekuzigcineni uphile emoyeni nasemzimbeni.
9. Bukhona ubomi nothando ngaphaya kwentsholongwane kagawulayo– ukuphila nayo akukunqandi ekubandakanyeni kubudlelwane obunyanisekileyo ngokuzelelo.

## *Imibuzo*

---

1. Uhlangabezana njani nezinto ezothusayo – umzekelo, manyathelo mani owathathayo a udlwenguliwe?
2. Ungamnceda njani umntu odlwenguliweyo?
3. Ungabaxelela njani abantwana bakho ukuba udlwenguliwe?
4. Ungamkhuthaza njani umntu ukuphila ubomi bakhe kwakhona emva kodlwengulo nokuziva ukuba uphila nentsholongwane kagawulayo?
5. Ungenza ntoni kuwe, emsebenzini nasekuhlaleni ukuphila ubomi bokoyisa udlwengulo nokuphila nentsholongwane kagawulayo?
6. Uyithatha okanye ungayiqala ngaphi into yokuxelela iqabane lakho ukuba uphila nentsholongwane kagawulayo xa nisandul'ukudibana.